

Making playdough – isiXhosa text

Ukwenza kunye intlama yokudlala ngumsebenzi wasekhaya onika umdla kakhulu. Xa nisenza lo msebenzi, ufumana ithuba lokukhulisa ulwimi lwabantwana phofu bona bengaqondi ukuba bayafunda. Ncokola nabo ngezithako nezixhobo ozisebenzisayo. Kukho amagama okumeta afana nala: amacephe, ikomityi, kanti ke akho namagama ongeza kwisigama sabo angala: dibanisa, xuba, zamisa, pheka, yomile, imanzi.

Xa unemibala eyahlukeneyo yokuguqula umbala wokutya, abantwana abathe dlundlu bangaqikelela umbala oza kuphuma xa bedibanise imibala ethile. Bangasombulula neengxaki ezifana nezi: Ziziphi izithako endinokuzengeza xa umxube womile okanye umanzi kakhulu?

Ukuxova nokubumba intlama yokudlala komeleza izandlana ezincinci zabantwana kunye nezihlunu zeminwe yabo. Oku ke kunceda ekubeni izandla zabo zingadinwa xa bebhala okanye bezoba.

Intlama yokudlala ngumsebenzi olungileyo nozolileyo ingakumbi xa abantwana bengakwazi ukuzinza okanye benxunguphele. Sinayo ke neresiphi elula yentlama yokudlala. Nonwabe ke!! Siza kunithumelela imisebenzi emibini yentlama yokudlala.